URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Janine Ontong
ICandelo le-*Cape Teaching and Leadership Institute*
(kuqukwa u-*EDULIS*)
Janine.Ontong@westerncape.gov.za |021 957 9626

Inombolo yefayili: 23/3/4/3
Isalathiso: 20241003-7149

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute:* 0005/2024

Iya: KumaSekela Balawuli, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze- *ISLES*, kwiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente

Isihloko: Ukubhiyozela iNyanga yeLayibrari yeSikolo kuMazwe ngaMazwe (*International School Library Month (ISLM*))

1. Ngo-Oktobha 2024 iilayibrari zezikolo zaseMzantsi Afrika nakwilizwe jikelele, ziya kubhiyozela zize zikhuthaze iinkonzo zelayibrari nezengcaciso ezikolweni njengenxalenye ye-*ISLM*.

2. Ukulungiselela ukubhiyozela i-*ISLM* ngo-2024, uMphathiswa weSebe leMfundo leNtshona Koloni uthathe isigqibo sokubandakanya zonke izikolo, ootitshala nabafundi beSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*). Abafundi baya kuba nethuba lokubonisa iimvakalelo zabo malunga neelayibrari yaye kwangaxeshanye, babe nethuba lokuphumelela izibonelelo zelayibrari yezikolo zabo.

3. IiNkonzo zeLayibrari yezeMfundo nezeNgcaciso, ngentsebenziswano ne-Ofisi yoMphathiswa, ziya kubanako ukunika izikolo ezili-10 zeSebe i*WCED*, ithuba lokuphumelela izibonelelo zelayibrari yesikolo ezixabisa ama-R30 000 ngesikolo ngasinye, ngomxholo othi "***Iincwadi ezimangalisayo ezikwilayibrari yam!***" ("***Adventures live in my library!***")

4. **Kulo nyaka kukho iindidi ezimbini ezinako ukungenela kuzo izikolo/abafundi:**

   - **Udidi lwamabali amafutshane (amaBakala 4–12, kuqukwa nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa);** apho abafundi baya kusixelela:
     - Ngencwadi emangalisayo abanokuyifumana kwilayibrari yabo; okanye
     - Kungakunceda njani ukuphumelela izibonelelo zelayibrari yesikolo eziziincwadi ezimangalisayo ezingaphezulu?

- **Udidi lwePowusta/loMzobo (amaBakala 1−3) kuqukwa nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa)**; apho abafundi benako ukwenza umzobo okanye ipowusta malunga:
  - Nencwadi emangalisayo abanokuyifumana kwilayibrari yabo.

5. Imali elibhaso kwezi ndidi zimbini iya kwahlulwa ngolu hlobo lulandelayo:

5.1 **Udidi lwamabali amafutshane**

- **Izikolo eziziisekondari/eziphakamileyo** ezithathu ziya kufumana ama-R30 000 isikolo ngasinye ngokuphumelela ngemisebenzi engenisiweyo *(entries)* kwisiNgesi, kwisi-Afrikansi nakwisiXhosa, yaye
- **Izikolo eziziiprayimari** ezithathu ziya kufumana ama-R30 000 isikolo ngasinye ngokuphumelela ngemisebenzi engenisiweyo kwisiNgesi, kwisi-Afrikansi nakwisiXhosa.

5.2. **Udidi lwePowusta/loMzobo**

- **Izikolo eziziiprayimari ezithathu (amaBakala 1-3)** ziya kufumana ama-R30 000 isikolo ngasinye ngokuphumelela ngemisebenzi engenisiweyo kwisiNgesi, kwisi-Afrikansi nakwisiXhosa; kunye
- **Nesikolo semfundo eneemfuno ezizodwa esinye** siya kufumana ama-R30 000 ngokuphumelela ngomsebenzi ongenisiweyo webali elifutshane/ wepowusta/womzobo.

6. Ootitshala kuya kufuneka baqokelele yaye badibanise imizobo/iipowusta namabali amafutshane baze bayithumele imisebenzi yokungenela ukhuphiswano yesikolo ngasinye apha: Alison.Mentor@westerncape.gov.za.

7. Umhla wokuvalwa wokhuphiswano **nguLwesihlanu, we-13 Disemba 2024**, ngo-17:00 yaye abaphumeleleyo baya kwaziswa ngefoni okanye nge-imeyili.

8. Ukupapashwa kwezikolo eziphumeleleyo nokunikezelwa kwamabhaso kuya kwenziwa ngomhla obekwe liSebe i*WCED*.

9. Malunga nemibuzo engokhuphiswano nangemimiselo nemiqathango, kucelwa niqhagamshelwane nalo Janine.Ontong@westerncape.gov.za .

10. Malunga neenkonzo zelayibrari yesikolo kungaqhagamshelwana nala magosa ezithili zeSebe i*WCED* alandelayo:

Tirzah Arendse - IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo,
Isithili i-*Eden* ne-*Central Karoo:* Inombolo yefoni 044 803 8377

Vernon Koen - IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo,
Isithili i-*Metro East*: Inombolo yefoni 021 900 7049

Sinethemba Mdunyelwa - IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo,

Isithili i-*West Coast*: Inombolo yefoni 021 860 1200

11. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- BJ LORISTON
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2024-10-22